# Ucwawgciso Sifundo Yokuqala
# Ulwaziso Lwengwe-nkala

## IZIPHUMO EZIMANDUNDU

**CO #1:** Ulwalatho nosombululo ziingxaki nolwenziwo zigqibo ngosetyenziso kokucinga okunobuchule.
**CO #2:** Yiba nokusebenzisana kakuhle nabanye eqeleni, embuthweni okanye.
**CO #3:** Zilawule uzilungiselele nezenzo zakho ngentembeko nangesiphumezo.

## IZIPHUMO ZEMFUNDO

**LO #2:** Umfundi uza kukwazi, abenakho ukuqonda nokusebenzisa ulwazi lwenzululwazi, olwenkcubekho, nolwemimmandla.

**Ubuchule benkqubo**:

- Uqwalaselo nothelelkiso
- Ugcino lwazi
- Ulwahlulo nokubekwa ngoko kubaluleka

## AMABANGA OXABISO

- Uhlahlelo lwazi ukuze kubenonciphiso bunzima boqondo nokhangelo zimpinda.

## UKUFUNDISA KWESIFUNDO

Ngokusebenzisa umfanekiso wengwenkala onikiweyo, azisa ingwenkala ngokufutshane njengesilo esitya inyama saseAfrika kubafundi, ngokusebenzisa ikhasi lenkcukacha elisihloko silu-"lwaziso lwengwe-nkala" elifumaneka kwiphepha lesibhozo. Nika imvelaphi yembali, nokuziphatha kwayo, uzishiyela izenzo(activities) iimpawu.



### ISENZO 1 – iziyelelaniso neeya ntlukwano

Yahlula abantwana babe ngamaqela angambini okanye ngantathu. Ukwasebenzisa imifanekiso enikiweyo mema abafundi baphuwule izantlukwano kwakunye nokufanayo kwiintlobo zontandathu zeekati. Eminye yemizekelo yemibuzo yezikhokhelo ingezantsi:

- Zeziphi iikati ezikhangeleka zifana?
- Akukho Kuyelelana kumabala-bala/kukhanya kombala? Ubungakanani bomzimba? Isimo somzimba? Ubungakanani bentloko?
- Ingaba imilenze yazo zonke iyalingana?

Yeka abafundi babhale abakuqapheleyo ephephini ilinesihoko "iizantlukwano nokuyeleleneyo". Nika abafundi imizuzu ali-15, ukuze bagqibezele uluhlu phambi kokucela (feedback) cela iqela ngalinye likunike.

Xoxa ingqikelelo yomlibo (uhlobo obonisa ngalo ubudlewlwane phakathi kewzinto ezahlukeneyo) nabafundi, ngokwenza umzekelo njengosezantsi ebhodini uhambisana negalelo labo.



## Umz 1: Isiseko somlibo wezilwanyana




Mema abafundi benze umlibo weekati ngokwabo besebenzisa izantlukwano nokuyeleleneyo ngokokuqatshelwe ngaphambili. Banike eminye imizuzu eqikeleleka kweli-15 phambi kokuba bonisa owona mlibo, lo ungezantsi.

## Umz 2: UMLIBO WEEKATI




Amachokoza amhlophe kumlibo abonakalisa ubudala bamathambo, njengoko ubhalo phantsi lweekati zalamaxesha zingaphant si kweminyaka ezizigidi ezimbini ubudala.

## UXABISO

**Ummiselo-xabiso womlibo (family tree):**

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|
| Abafundi abakwazanga ukuuphawula ziyantlukwano naziyelelaniso, ababonkalisanga ngqiqo nangoqelaniso lwabo. Ulebhelisho nendlela obekwe ngayo umsebenzi iyadida. | Abafundi abakwazanga ukubanakho ukuphawula iiyantlukwano neziyelelaniso phakathi kweekati. Uqelaniso luye lwabonakalisa ingqiqo ethile. Ulebhelisho nendlela obekwe ngayo umsebenziibe kumgangatho ophantsi. | Abafundi babenakho ukuphawula iiyantlukwanoneziyelela niso. Abafundi bakwazile ukuqelanisa iikati bebonakalisa iingqiqo ezilungileyo. Indlela obekwe ngayo umsebenzi yona ikumgangatho ophantsi nolebhelisho luyadida. | Abafundi benze ngaphaya kobeku lindelekile ekuphawuleni iiyantlukwano neziyelelaniso, wabonakalisa iingqiqo ezilungileyo kokuphathelene noqelaniso lweekati. Indlela obekwe ngayo umsebenzi intle lwaze nolebhelisho lwaba lolucacileyo. |

## ISENZO 2 – Umdlalo Wemifanekiso (Snap)

Fotostata amakhasi anikiweyo kumaphepha 3no4 ukuze ubenamakhasi angama-48 usenza isiqinisekiso sokuba uneekopi ezi-8 zazo zonke, zosithandathu iikati. Ahlula abafundi benze amaqela aquka abafundi abane ngaqela ngalinye, ukhuphe ingqokelala yamakhasi ali-48 kwiqela ngalinye. Xuba anakhasi ukhuphela umfundi ngamnye kwiqela anakhasi ali-12. Ngababini esineni, qala umdlalo ngokuthi mababeke ikhasi libe linye, mfundi ngamnye, phantsi, elinye ecaleni kwelinye, ejongise phezulu ukuze bonke abadlali bakwazi ukuwabona. Abadlali abalandelayo kwelo qela bazo kubeka ikhasi ngamnye bezu kwala sele ebekwe ngabangaphamili. Ngethuba athe afana amakhasi abekwe phantsi, umfundi, othe wakhwaza u-snap kuqala waze walandelisa ngegama lalokati uye afumane inqaku. Xa sele ekhutshwe onke amakhasi, oyena mfundi unawona manqaku maninze uba ngophumeleyo.

Mema abafundi ukuba bazixabise(assess) kwiqela ngalinye, bejonga ukuba sebekulungele ukunyukela kwisigaba esilandelayo somdlalo. Sebenzisa amakhasi akwi phepha lesi-5 ukwenza amakhasi ali-24 ongeziweyo. Susa isiqingatha samakhasi kwingqokelela yamakhasi angaphambili uqinisekisa ukuba uneekopi ezine zekati nganye uze wongeze la kulamakhasi angama-24 matsha. Phindani nidlale umdlalo ukhangele ukuba abafundi basakwazi ukwahlula bezifanisa ezikati zahlukeneyo xa zime ngolunye uhlobo. Lo mdlalo ungasetyenziselwa ukukhangela ukuba ngaba abafundi bayakwazi kwisini ukwahlukanisa befanisa ezi kati zi-6 ngoko kuziyelelanisa nangokwahlukanisa.



Iseti yamakhasi omdlalo olula we-Snap



